Isalathiso: 20190227-2243
Inombolo yefayili: 3/3/1/13
Imibuzo: A Venter

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0004/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be*FET*, kuBaququzeleli be*FET*, kuBaququzeleli be*GET*, kuBacebisi ngeZifundo ze-*EMS* kwiSigaba esiPhakamileyo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezidityanisiweyo kunye nezezikolo eziphakamileyo

Isihloko: Isaziso ngomasifundisane wokuphuhlisa izakhono zootitshala be-*Economic Management Sciences* kootitshala bamaBakala 8 no-9

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*), ngokubambisene ne*Stellenbosch University* lilungiselele ukuqhuba ikhosi yoqeqesho olugxilayo (*focused training*) lootitshala be-*Economic and Management Sciences* (*EMS*) kumaBakala 8 no-9.

2. Injongo yolu qeqesho kukomeleza ukufundiswa kwe-*EMS* kumaBakala 8 no-9 ngokunika ulwazi nezakhono ootitshala abafundisa esi sifundo.

3. Le khosi iya kuqhutywa ngabahlohli abasuka e*Stellenbosch University*, ngootitshala abanamava kwakunye noMcwangcisi weKharityhulam oMkhulu (*Senior Curriculum Planner*). Zonke izinto eziza kufundwa kwikhosi leyo zivunywe yi*Stellenbosch University*, yi*WCED* kwakunye neBhunga looTitshala laseMzantsi Africa (*South African Council for Educators*) (*SACE*).

4. Uqeqesho luya kuqhubeka ngolu hlobo lulandelayo:

NgoLwesibini, nge-18 Juni 2019 nangoLwesithathu, nge-19 Juni 2019	Amaxesha oqeqesho: • NgoLwesibini: 08:00 – 15:30 • NgoLwesithathu: 08:00 – 15:30

5. Uqeqesho luya kuqhutywa kule ndawo ilandelayo:

Isithili	Indawo	Ulwimi loqeqesho
Zonke izithili	*Stellenbosch University*	NgesiNgesi nangeAfrikansi
Kucelwa uqaphele: Amalungiselelo endawo yokulala kwihostele ekufutshane aya kwenzelwa ootitshala abasuka kwizithili ezisemaphandleni abanqwenela ukuya kolu qeqesho.		

6. Ukuya kule khosi yoqeqesho kuya kukhokelela ekufunyanweni kwesatifikethi esingqina ukuba umamkeli (*recipient*) ufumene inkxaso enzulu kwisifundo i-*EMS* e*Stellenbosch University*.

7. **Ukubhalisa**

7.1 Kucelwa ootitshala babhalise ekhompyutheni besebenzisa le linki ilandelayo: https://docs.google.com/forms/d/1vrqz0lkHzlEZCSKn6eiERN6oOVB7iWYYlOCVzjxVVVg/edit **ngomhla okanye phambi kwangoLwesihlanu**, **nge-26 Apreli 2019**. Kubalulekile gqitha ukuba izikolo zinike iinkcukacha zokubhalisa ezichanekileyo ukwenzela ukuba naziphi iingxaki eziphathelele kumalungiselelo zibe nokuthintelwa kuqeqesho. Inqununu iya kuthi kwakhona ibe noxanduva lokuphendula malunga nootitshala ababhalisayo kodwa bangayi kuqeqesho, njengoko oku kuchaphazela ezemali.

8. **Ezohambo**

8.1 Isibonelelo sohambo siya kuhlawulwa ngokwale miqathango ilandelayo:

- Makungqinisiswe abantu abayileyo kuqeqesho luphela.
- Umgama uwonke ohanjiweyo kwithuba **leentsuku ezimbini** kufuneka **ugqithe kwi-100 km**.
- Umgama uwonke ekwenziwe amabango wawo kwithuba **leentsuku ezimbini** mawungagqithi kwi-800 km.

8.2 Izicelo zamabango eehambo ziya kuhlolwa ngokwezi khrayitheriya zilandelayo:

Ukusebenzisa imoto yakho	Kangangoko kunako, ootitshala mabakhwelisane kwizithuthi. Kuphela ngumqhubi okanye umnini-moto onokwenza isicelo sebango ngeekhilomitha ezihanjiweyo. Makwenziwe uluhlu lwabakhweli. Kuya kuhlawulwa umyinge omiselweyo we-R3,00 ngekhilomitha nganye. Akusayi kusetyenziswa mthamo wenjini.
Ukusebenzisa iklabhu yelifti (ehlawulwayo okanye esimahla) kwimoto yakho	Kuphela ngumqhubi okanye umnini-moto onokwenza isicelo sebango ngeekhilomitha ezihanjiweyo. Makwenziwe uluhlu lwabakhweli. Kuya kuhlawulwa umyinge omiselweyo oyi-R3,00 ngekhilomitha nganye. Akusayi kusetyenziswa mthamo wenjini.
Ukusebenzisa ibhasi	Isikolo masifake ileta echaza ukuba kwakusetyenziswe ibhasi

yesikolo	yesikolo ukuya kule khosi nokuchaza amagama abakhweli nomgama ohanjiweyo. Kuya kuhlawulwa umyinge omiselweyo oyi-R3,00 ngekhilomitha nganye. Akusayi kusetyenziswa mthamo wenjini.	
Ukusebenzisa umboneleli-nkonzo obhalisiweyo *Qaphela: makufumaneke imvume ebhaliweyo kwangaphambili kumququzeleli weGET/weFET wesithili.*	Inyathelo 1	Isikolo masifumane iikoteshini zibe ntathu phambi kokuqhubeka koqeqesho.
	Inyathelo 2	Isikolo masifake ezi koteshini kumququzeleli we*GET* wesithili. Kuya kwamkelwa eyona koteshini isezantsi ngexabiso.
	Inyathelo 3	Umququzeleli we*GET* makanike inqununu isiqinisekiso ngencwadi ebhaliweyo sokuba inkonzo ingafumaneka ngokungena kwimvumelwano (*can be contracted*).
	Inyathelo 4	Isikolo masenze amalungiselelo okuqesha inkonzo leyo.
	Inyathelo 5	Emva kwenkonzo **isikolo** masihlawule umboneleli-nkonzo yaye sifumane irisithi.
	Inyathelo 6	Ukwenzela ukuba sifumane imbuyiselo yemali, isikolo masifake ileta kumphathi osingathe izicelo zamabango wesithili echaza ukuba kusetyenziswe umboneleli-nkonzo lowo kuze kudweliswe amagama abakhweli neenkcukacha zomgama ohanjiweyo. Makuqhotyoshelwe iikoteshini, imvume yomququzeleli we*GET/weFET* kunye ne-invoyisi yokugqibela ehlawulweyo.
	Onke amaxwebhu makagcinwe njengobungqina bomphicothi-zincwadi wangaphakathi. I-*WCED* iya kwenza imbuyiselo yemali kwisikolo KUPHELA nje ukuba sifumane amaxwebhu asayiniweyo, kuqukwa nemvume ngencwadi ebhaliweyo ekhutshwe **kwangaphambili (*prior*)** yomququzeleli we*GET/FET* wesithili. Ootitshala mabalungiselele ukukhwelisa abantu abaliqela bebathatha kwindawo efikeleleka kumntu wonke.	
Ukusebenzisa izithuthi zikawonkewonke, umz. iteksi, ibhasi okanye uloliwe ukuhamba umgama omfutshane	Izicelo zamabango mazichaze indawo esisiqalo nesigaba sesiphelo sohambo. Iinkqubo zembuyiselo yemali ziya kwenziwa ngokwemiyinge emiselweyo. Kusengacelwa ubungqina (amatikiti) ligosa elisingathe izicelo zamabango ukuze zingqinisiswe ngokusemthethweni. Akuvumelekile ukwenza izicelo zamabango amaxabiso eeteksi ezizii-*metered taxis*.	

9. **lindawo zokulala nokutya (oku kusebenza kootitshala abasuka kwizithili zasemaphandleni kuphela)**

9.1 Iindawo zokulala nokutya (isidlo sakusasa nesidlo sangokuhlwa) ziya kunikwa kwezo ndawo zoqeqesho, **ngokuxhomekeke kule miqathango ilandelayo:**

- Umgama wokuya kwindawo yoqeqesho **mawudlule kwi-60 km** ukuya kwicala elinye, o.k.t. ibe ngumgama we-120 km ukuya nokubuya.
- Abantu abayileyo kuqeqesho luphela mabangqinisiswe.
- Ubhaliso malwenziwe lugqitywe kwangaphambili.
- Mazifezekiswe ngokupheleleyo iimfuneko ezibhalwe ku-9.3 ngezantsi.
- Kunokukhethwa kuphela into ibe nye (jonga ingongoma 9.3 ngezantsi) yaye abasayi kwenzelwa mbuyiselo yemali ootitshala ngalo naluphi utshintsho okanye kuba befune enye indawo yokulala (*alternative accommodation*).

9.2 Indawo yokulala iya kunikwa ukususela ngomhla wokuqala ukuya kumhla wokugqibela wekhosi yoqeqesho, kukho nokukhetha ukufika (*check in*) ngo-14:00 ukuya ku-17:00 ngosuku olwandulela ukuqala kukamasifundisane.

9.3 Ootitshala abakufaneleyo ukufumana indawo yokulala banokubhalisela ENYE yezi zikhethwayo zingezantsi:

Indawo yokulala ehostele	Kuya kufumaneka indawo yokulala ehostele e*Stellenbosch High School* simahla kootitshala**.** Kuya kusebenza le miqathango ilandelayo: • Ootitshala mababelane ngamagumbi. • Ootitshala mabaze nezinto zabo zokulala, iitawuli nezinto zokuthambisa. • Ixesha lokufika ngoMvulo (nge-17 Juni 2019) lisusela ngo-15:00 ukuya ku-17:00 kuphela.
Amaziko abhalisiweyo anika inkonzo kwiindwendwe umz. abonelela ngebhedi nesidlo sakusasa, izindlu zeendwendwe okanye ihotele	Kuya kusebenza le miqathango ilandelayo: • Kunokwenziwa isicelo sebango ukuya kutsho ku-R400 ngosuku ngesidlo sangokuhlwa, ngebhedi nangesidlo sakusasa. • I-invoyisi yentsusa esuka kwiziko elo mayisanwe ngokungqinelwa ngabantu ababini (*countersigned*), oko kusenziwa ngumenzi-sicelo ize ingeniswe kwikhosi yoqeqesho. • Ayinikwa ngqiniseko (*not guaranteed*) intlawulo yezicelo ezineenkcukacha ezingaphelelanga okanye ezifike emva kwexesha.
Indawo yokulala yosapho/yabahlobo	Kuya kusebenza le miqathango ilandelayo: • Kunokwenziwa isicelo sebango ukuya kutsho ku-R260 ngosuku ngesidlo sangokuhlwa, ngebhedi nangesidlo sakusasa. • Isicelo sebango masikhatshwe yi-afidavithi efungelweyo esuka kwisizalwana/kumhlobo ochaphazelekayo, esayinwe ngokungqinelwa ngabantu ababini (*countersigned*), umenzi-sicelo sebango (*claimant*) zifakwe kwikhosi yoqeqesho.

<table>
<tr><td rowspan="5">Iimvumelwano zethutyana zokurenta/zokuqeshisa zabucala</td><td colspan="2">Kuya kusebenza le miqathango ilandelayo:
• Isikolo siya kujongana namalungiselelo okulala kunye nentlawulo (zonke iindleko zesidlo sangokuhlwa, ibhedi nesidlo sakusasa) yoko.
• Makulandelwe inkqubo esemthethweni:</td></tr>
<tr><td>Inyathelo 1</td><td>Isikolo masifake ileta eya kumququzeleli weGET/FET, kwangaphambili, ecela ukusetyenziswa kweziko eliqeshisayo ukwenzela indawo yokulala yeqela lootitshala. Makunikwe iinkcukacha zendawo yokulala, kuqukwa nemvumelwano yokuqeshisa kwanamagama ootitshala.</td></tr>
<tr><td>Inyathelo 2</td><td>Umququzeleli weGET/FET makanike imvume ngencwadi ebhaliweyo. Akukho malungiselelo anokwenziwa agqitywe ngaphandle koku.</td></tr>
<tr><td>Inyathelo 3</td><td>Isikolo masihlawule sandule ukungenisa irisithi namaxwebhu akhaphayo (okuqeshisa nokunika imvume yomququzeleli weGET/FET) kwikhosi yoqeqesho.</td></tr>
<tr><td colspan="2">• Isicelo sebango siya kuthathwa njengebhili enye, ehlawulwa isikolo eso.
• Kuya kuhlawulwa isixa esiphezulu seR250 ngosuku ngalunye ngotitshala ngamnye – oku kuquka iindleko zokulala, ezesidlo sangokuhlwa, ezebhedi nezebrakfesi. Isixa kanye esibuyiselwayo siya kuthi, nakuba kunjalo, sixhomekeke kwiindleko kanye, ukuya kutsho ubuninzi kuma-R250 ngomntu ngamnye ngosuku. Naziphi iindleko ezingaphezulu kwesi sixa azisayi kuhlawulwa yiWCED.
• Zonke iirisithi zokutya zentsusa (original), amaphetshana eethili, njl. njl. makafakwe kunye nencwadi ebhaliweyo esisishwankathelo.
• Sonke isicelo sebango masifakwe njengebhili enye kunye neleta enika ingcaciso (covering letter) esuka esikolweni ikhatshwa ngawo onke amaxwebhu entsusa.</td></tr>
</table>

10. **Indlela yokufaka isicelo sokwenza ibango**

10.1 Bonke ootitshala abanqwenela ukufaka isicelo sebango mabazalise le Fom yeeNkcukacha zeBhanki (*Bank Details Form*) (isiHlomelo B) iqhotyoshelweyo baze bayifake kwi-ofisi ejongene namabango kwindawo yoqeqesho ngosuku lokuqala loqeqesho. IFom yeeNkcukacha zeBhanki (*Bank Details Form*) mayifakwe isitampu yibhanki, kufakwe ifom

yentsusa (*original)* kuphela. Ootitshala mabazalise le fom PHAMBI kokuba uqeqesho luqale (oko kukuthi, kufuneka bafike kwindawo yendibano nale fom sele izalisiwe).

10.2 Zonke izicelo zamabango mazikhatshwe ngamaxwebhu entsusa. Azisayi kwamkelwa iifeksi okanye iifotokopi.

10.3 Abenzi bezicelo zamabango baya kuhlawulwa imbuyiselo yemali kuphela emva kokugqitywa kwekhosi yoqeqesho yaye ngoko ke kuya kunyanzeleka ukuba bazihlawulele ngokwabo iindleko zabo kwasekuqaleni. Apho kuyimfuneko, kucelwa izikolo zibancedise ootitshala ngokumalunga noku. Makugcinwe ubungqina beentlawulo.

10.4 Iimali zembuyiselo zemali ziya kwenziwa kuphela emva kokuqwalaselwa ngobunono kwezicelo zamabango, yaye i*WCED* inelungelo lokwenza isigqibo sokugqibela apho kukho ukungangqinelani okanye ukungathotyelwa komgaqo khona.

10.5 Zonke izicelo zamabango mazifakwe kwindawo yoqeqesho apho amagosa aya kufumaneka khona ukunceda abenzi-zicelo zamabango.

10.6 Azisayi kwamkelwa izicelo zamabango ezifika emva kwexesha okanye ezineenkcukacha ezingaphelelanga, ngaphandle kokuba kukho iimeko ezixoleleka ngokukodwa, kwaye imbuyiselo yemali kungenakuqinisekwa (*cannot be guaranteed*) ngayo.

11. **Imibuzo**

Ukuba unayo nayiphi eminye imibuzo, kucelwa ungathandabuzi ukuqhagamshelana noAntoneitte Venter kwifoni 021 467 2501 okanye nge-imeyili: Antoinette.Venter@westerncape.gov.za.

12. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala abaziintloko zesifundo se-*EMS* (*subject heads for EMS*). Kucelwa uqaphele ukuba ubhaliso luya kuvumeleka kude kube **ngoLwesihlanu**, **we-26 Apreli 2019.**

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2019-03-13

PROVINCIAL GOVERNMENT WESTERN CAPE

PGWC 006

BAS ENTITY MAINTENANCE
BANK DETAILS

DEPARTMENT WCED

OFFICE CURRICULUM (GET)

System User Only	
BAS Ref No.	
Captured By:	
Date Captured:	
Authorised By:	
Date Authorised:	

Bank Details

DETAILS OF FIRM / INSTITUTION:

Name

Address

Contact Person **Tel. No.**

I/We hereby request and authorise you to pay any amounts which any accrue to me/us to the credit of my/our account with the mentioned bank.

I/We understand that the credit transfers hereby authorised will be processed by computer through a system know as the "ACB ELECTRONIC BANK TRANSFER SERVICE", and I/We also understand that no additional advice of payment will be provided by my/our bank, but details of each payment will be printed on my/our bank statement or any accompanying voucher.(This does not apply where it is not customary for banks to furnish bank statements).

I/we understand that a payment advice will be supplied by the Department in the normal way, and that it will indicate the date on which funds will be available in my/our account.This authority may be cancelled by me/us by giving thirty days notice by prepaid registered post.

Initials and Surname	Authorised Signature	Date dd/mm/ccyy
		/ /

Name of Bank

Name of Branch

Branch Code

Account Number

Type of Account ☐ **Current Account** ☐ **Other (specify)**

☐ **Savings Account**

☐ **Transmission Account**

DATE STAMP OF BANK
BANK ACCOUNT PARTICULARS
CERTIFIED AS CORRECT

FOR OFFICE USE ONLY

APPROVED BY HEAD OF OFFICE

Print Name:

Signature:

Date: